

# IMVO ZABANTSUNDU


(NATIVE OPINION.)

Authorized Medium for the Publication of Government Notices addressed to Natives throughout the Colony and the Territories.

IXABISO 3d.]

KING WILLIAMS TOWN, NGOLWESI-NE, MAY 22, 1890.

[No. 288



**BAMEMA** bonke abantsundu Belase Maxhoseni, na Pesheya kwe Nciba ukuba beze kubona impahla baho eninzi Isuti ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 11/6. Ibhulukwe ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 4/6. Iminqwazi efudumeleyo itshipu iqalela kwi 2/-. Ibhatyi ezinkulu ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 12/-. Iblankete ezifudumeleyo zitshipu ziqalela kwi 1/-. Izihlangu, ne Shuzi, Ihempe, Izikafu, nengubo zonke ezifudumeleyo.

Kauze kubona, ukuze uzitengele ezobusika, bungekatwasi.

**BAKER, BAKER & CO.**

EQONCE.

## IXESHA LO MCHEBO!

## Beauchamp, Booth Co.

(EBIYEKA J. J. IRVINE & CO.)

Eyona venkile yengubo ezilungileyo, nezitshipu edolopini apa.

Ihempe zamadoda ezinamaqosha e perile 1/6 inye. Ibhulukwe ze stofu 3/, 5/ inye. Ibhatyi zamadoda 5/, 6/9 inye. Ibhatyi ze twidi emnyama 15/, 18 6 inye. Ibhulukwe ze kodi egwangqa ezilungileyo 7/6 inye. Iminqwazi yamadoda eyi Soft felt 1/9, 2, umnye. Ityali zoboya 5/, 6/, 7/, 8/ inye. „ „, ezilunge kwayekwa 10/, 12/6, 15, 18/, 20/inye. Iprinti (ezimabala), i pattern 6d., 7 1/2d., 9d. iyadi. I zohlobo 6d. ngeyadi. Ikeluko 2d., 3d., 4d., 5d., 6d. ngeyadi.

Ilokwe Zokutshata, Iminqwazi Yokutshata, YONKE Impahla Yokutshata.

**BEAUCHAMP, BOOTH & CO.**

E-QONCE, KING WILLIAMS TOWN.



## ISAZISO.

### KWI HEWU.

KUYAHLOKONYISWA ukwaziswa okokuba nge Siqendu Sokuqala so Mteto we Mhlaba Elahliweyo No. 3 wo 1879, ohlonyelwe ngo Mteto No. 24 we 1887, okokube iziziba zomhlaba ezise Hewu nase Kamastone, kwisiqingata sase Queenstown, itatyatelwe ukuba yelahliweyo ngoko kuxelwa emtetweni; nokokuba u Rulumente uya kuyitabata ngo 15th JUNE, 1890, de kube kuko ibango nokuhlulwa kwe rafu ezidlulelwe ngamaxesha kwi Civil Commissioner ye Siqingata, njengoko kufunwa sesi sahlulo salo Mteto sise sikankanyiwe. Incazo ezeleyo yale mhlaba ilahliweyo yofunyanwa kwi *Government Gazette* Notice No. 1010, 1889, yomhla wa 25 November, 1889, eshicilelwe kwi *Government Gazette*.

W. B. CHALMERS.

Civil Commissioner.

King Williams Town, 13th January, 1890.

Incindi Epitikeziweyo

YE

LINSEED NE

HOREHOUND.

Lelona Yeza le NKOHLOKOHLA INGQELE, nazo zonke Izikuhlana zo MQALA ne MIPUNGA.

1/6 NGEBHOTILE.

2/- LITUNYELWE NGE POSI.

Ngamanani Nanganye kwa

P. GRAY Chemist and Druggist,

CAMBRIDGE ROAD,

KING WILLIAMS TOWN.

KUFUNWA " Abakandi be Bhokile"

Abantsundu nokuba bane nokuba bahlanu, ababesensa nge stokwe. Baya kufumana imivuzo efanelekileyo, nomsebenzi ongapeliyo. Umntu makeze ngokwake, mhlambi abhalele kwi Office ye *Mvo*.

IMIBIKO.

NKOMO.—E S. Patrick's Mission, Humansdorp, ngo 6 May. 1890, kubhubhe u PATRICK EDWARD WILLIAM NKOMO, unyana ka Rev. John no Agnes Nkomo; ubudala 13 inyanga. Zonke izihlobo mazamkele lo mbiko.—3i5690

NIVEN.—E Belize, embindini we Amerika, ngo 1st April, 1890, kubhubhe u ROBERT NIVEN, unyana omkulu ka Rev. Robert Niven, umfundisi omdala welase Maxhoseni. Zonke izihlobo mazamkele lowo mbiko.

ISABELLA OGILVIE.

3 Viewfield Terrace,  
Glasgow, Scotland.—3029590

ABAZELWEYO.

SIDZUMO.—E Tyityaba, Sauerville Peddie. u MRS. PETRUS P. SIDZUMO, ufumene Intombi ngowe 10 ku May, 1890, ngo 4 o'clock ukunika komhla.

MZOZOIYANA.—E Sauerville, Peddie, u Mrs. J. WILSON MZOZOIYANA, ufumene Intombi ekuseni namhla, 19 May, 1890.—li22590

KUFUNWA.

INKONXA ZETELA EZIZE, kwi River Oil Works, e Qonce.

River Oil Works Factory, King Williamstown.

## DYER DYER

EQONCE, KING WILLIAMS TOWN.

Bafikelwa ngamanani amakulu

Empahla Entsha Yobusika Obuzayo.

Kananjalo badwelise

## IMPAHLA YAMADODA,

Ezamadoda Isuti ze Twidi ezinzinza 17/6

„ Ibhatyi	„	„	9/
„ Ioundulubhatyi	„	„	3/3
„ Ibhulukwe	„	„	6/

Ibhatyi ne Bhulukwe ze Kodi

*INTLOBO EZINTSHA ZETYALI.*

Isuti Zetwidi emnyama zamadoda

(ZAMANANI ONKE.)

Iminqwazi, Izandla, Amaqhina, Iblankete, njalo-njalo.

IMPAHLA EZINTSHA NEZIYI FISHINI

(Ngo Stemele bonke).

## DYER NO DYER,

KING WILLIAMS TOWN.

## GILBERT FOX NO NYANA,

Abatenga, Batengisele, Batumele Impahla.

SIFUNA ukukumbuzwa ama FAMA ABARWEBI NO MZI wonke ukuba asingabakoyi nje, koko intumekelelo yetu ukutengela, ukutengisela, nokutumela nalupina uhlobo lwe ziqhamo zomhlaba, esesinatubata atile obulula tina kwezonto. Sikulungele ukwamkela umsebenzi WOKUTUMELA NOKUTENGISA zonke iziqhamo kwi marike zonke zase South Africa, ngenxa yokuba kwimizi yonke ebalulekileyo sine arente zetu.

ABATENGISI bofumana ukuba kuluncedo kubo ukuzinikela kuti impahla zabo, kuba sihlala sine odolo ezinkulu, esiti ke saqala sitengise ezompahla zinikela kuti.

ABATENGI bofumana ikwalilungelo kubo ukutumela i odolo zabo kuti, kuba abasindiswa kupela ingcapukisi yokuza e Marikeni, koko nokunyuka kwento ngenxa yokuhlutana ngayo kuya neitshiswa, kuze ke kufunyanwe into e bete ngenani elingapantsi.

Amanani, etu ayabukeka, enokufunyanwa ngowacelayo.

## GILBERT FOX AND SON,

KING WILLIAMS TOWN and EAST LONDON.

## W. McGLASHAN & CO.,

(MAGALA),

## E-DIKENI.

BAHLALA benezona mpahla zokunxiba zintsha ezona ntlobo zipilileyo ze Printi, i Satin, kwane Drillettes,

ITYALI, IZIHLANGU, NE NGUBO,'

## Zonke Intlobo Zabatshtatayo Kwesi Siqingata,

Ngamanani alungele bonke abatengi. Impahla yabo ifika ngazo zonke iveki ezimbini; kengoko impahla yabo ihleli intsha ifika.

Ufuna into ezipilileyo, ngawona manani alula yiya kwa

W. McGLASHAN & CO.,

E-Dikeni.

Banika awona manani apakamileyo ngo BOYA, IZIKUMBA, IMFELE, UBOYA BESEYIBOKWE njalo, njalo IZILIMO litengwa ngamani ase Marikeni.

# ITYALI! ITYALI!

## KANGELA!

UKUBA ufuna ITYALI ezisitileyo, nezomeleleyo yiya kwa

# GIBBERD & BRYANT,

Ngelixesha batengisa impahla emaxabiso alingeneyo apa edolopini.

Ityali ezinkulu ezimnyama nge 4/. inye.

Izitofu zamanenekazi.

Iprinti ezimanani apantsi zohlobo olutsha.

Uhlobo olutsha lwe SETINI EZIMHLOPE, Neveyile Zomtshato Namagqabi, Neminqwazi, nako konke okunokufunelwa umtshato.

# GIBBERD & BRYANT

## Iveki.

SIBONA ukuba u Ntam'bomvu (Mr. John Macpherson) ubepambi kwamatyala e Bhai ebekwa ityala lokuba imazi ebomvu enetole ka Jan William Hollowing. Umcimbi lowo ulindiselwe i Jaji.

KUVAKALA ukuba u Lord Knutsford uzimisele ukuyimela indawo yokuzisa esiqitini inkosi zakwa Zulu nakwakuba u Miss Colenso lonto evuselela umzi ukuba iqetulwe kwela Mangesi.

INKOMPONI zase Rantini zizama ukuyimisa kwakona imvumelwano yokuba zibahlule ngenyanxa abantsundu abasebenza kwelo. Kumiswa icebo lokuba ati owapuleyo lom'gqaliselo adliwe £500. Icebo lokuqala alipumelelanga.

U DAVID MINNIE, isela elidala, ubanjwe e Rini ngokugqoboza indlu ka Mr. James Cogan. Laka labanjwa ngapambili kwa Mr. Gowie lasinda ke ngeloxesha.

IGWANGQA elingu Henry White libanjwe e Hanover Road libaleka nengxowa ye posi ebelyiibe e Dayimani.

KUKO umtandazo omkulu olungiselelwa ukutinyelwa e Palamente li Rini, wokuba bupeliswe kanye kwabantsundu utywala nakwaba mhlope buselwe ngabatandayo. Uya kutikinja ngamanene namaledi ke lomtandazo.

IBHUNGA labemi liqgibe ekubeni imivuzo yabantsundu e Rautini itotyelwe kwi £2 ngenyanga.

NGEVEKI egqitileyo ngase Norval's Pont, e Gqili, u Arthur Saunders, igwangqa, ute xa engena kwi trok ehambayo watyibilika wawa pambi kwevili yamsika imilenze yomibini, use Hospatala siteta nje. Noko selebuye wabhetele.

U MRS. LOWRIE, inkosikazi yefama lase Ohio, kwelase Amelika, kutiwa usand' uko. zuzabautwana abane ngaxesha nye. Usabeleke katatu kanti noko abantwana bake boba sitoba kudibene naba.

KUNCONYWA ukuyihlaula msinya kwabase Natal imali yezindlu.

ISIDUMBU sika Joe London, Umyindiya, sicolwe elunxwemeni lolwandle ngase Bhai. Ubungqina begqira bobokuba utshone waraxwa lulwandle.

U JACOBUS DE WITT no Jack Wilson, amagwangqa, abanjwe e Bhai ngolwesi-Tatu oludlulileyo ngokudlwengula intombi entsundu esisicakakazi.

NGu Rev. W. J. B. Moir, M.A., oya kubambela u Rev. Dr. Stewart e Lovedale njengokuba ugqira esahambeni e Scotland. Umke ngolwesi-Tatu olungapaya.

KUKO inkwenkwana entsundu egilwe yi kebu e Rini ngo.Mgqibelo. Mabagcinwe kakade abantwana.

KUFUNWA ababaluli baka William Ogilvie igwangqa elalise hospital elite labonwa e Stone Hill e Rini sicaka sakwa Coldridge xaliqaukayo, linenduma entloko.

ULOLIVE wase Natal uvulwe e New Castle, imayile ezi 37 ngapaya kwe Biggarsberg ukyaya e Transvaal, ngolwesi-Ne lwegqitileyo (15 May) ngu Mhlekazi u Sir Hemy Mitchell, Irluneli yakona. Sekusele imayile esi 35 afike emdeni.

UDABA olwavakaliswa ngu m'bhaleli kwiipepa lesintu lase Natal *Inkanyiso*, ngokudliwa komntu ngabanye e Weenen kwelo, lute lakulandwa ngu Rulumeni lwafunyanwa lubuxoki. Kuvakala ukuba lwabhallowa yi titshala emnyama yakona.

AMATYE esikhumbuzo sendlu ye Simnari yentombi e Ngqushwa abekwa ngolwesi-Ne lweveki egqitileyo (15 May), ngu Hon. W. Ayliff wase Rini, no Mr. J. Tengo-Jabavu we Mvo ZABANTSU DU e Qonce. Ihambise ngokwanelisayo into yonke yalomini, ebe yeyemigcobo kwizizwe ezaziko ezintsundu.

I-PALAMENTE yelipetwe e Kapa ivulwa ngolwesi-Ne lweveki ezayo (29 May).

YIHLOLIDE ngo Mgqibelo nango Mvulo ozayo, (24, 26 May). Umgqibelo ngumhla we Nkosazana, Umvulo yi Whitmonday.

imiteto ye Palamente, elungileyo okweziqu zayo, ekulukuta xa iqutywayo, uzokonakala kwakwalatwa abafanelwe kuwuhambisa lomteto. Asisakungxuta kwelanamhla ekuboniseni inxwaleko efunyanwa ngumzi ontsundu osebenza ezifameni, uhlaulwe ngempahla, oti ngokuba kude ko Mhloli-Bhula endleleni yokugoduka ukuyinika isatifikiti ude uhambe ngapandle kwaso, ungene kwingxa kangxaka yenteto yasematyaleni opuma kuyo ngapandle kwempahlana leyo kuba idliwe. Yaye iko into ebonakala ilikete, yokuba abahloli bahlala barolela pambi ko mantyi abamnyama xa ingapilanga impahla ngexesha labo lomgqaliselo badliwe bebedliwe. Kanti abapatwa ngolohlobo abamhlope. Iti ke lonto ibange ukuba woyike umteto, ongati usetyenzwe ngendlela yemvisiswano ube luncedo kumawetu. Into amakayenze u Rulumeni kukuyisebenza ngendlela yemvisiswano nabantsundu imiteto ukuze ihambe kamnandi. Nganina ukuba bangabiko bona abantsundu abahloli abatenjiweyo ngabamnyama?

## Impawana.

Sivuya ukuva ukuba Isinnari yase Edendale, Natal, isabhke pambili. Ngoku kukazudalwa kuyo isebe elibalulekileyo lokuqeqesha Ititshala. Ixesha eli elo belizifumana e Healdtown nase Lovedale ititshala zalo. Langa elilinga lingapumelela.

ABAVOTI abameli elipesheya kwe Nciba banesiroro ngokusuka u Rulumeni amangale nomteto ka Mr. Hofmeyr okulula abavoti abantsundu kwimtiteto ebalula nemele abantsundu abangebavoti. Umzi ngati udinwe zipasi abanganzelekileyo ukuba abantsundu bazitwale apo e Transkei. Sisiva uti u Rulumeni uvunyelwe umteto ka Mr. Hofmeyr, ungaba novulela intengiso votywala uyangena. Lento ayimniki sihomo u Rulumeni, kuba abantu bebengaceli buxelegu botywala. Kubanika ilitye endaweni ye sonka oku.

KWELIPESHEYA kwe Nciba zezokuba u Rulumeni uyazichita i ofisi zemantyi ezinkulu ukuba ashiye ibyenye e Mtata. Kwelase Mamfengwini bati Umtata ukude, kwaye kuko imilambo enjengo M'bhase enamaxesha angawelwayo. Enye into amahashe ayakubiza kwelo. Um'bhaleli wetu uti ukuba u Rulumeni uzimisele kulento ngebecela isebe le ofisi enkulu e Geuwa.

INKOSI ya Barolong base Thabanchu, u Robert Sepinare Moroko, ibike yahambela kweli ngeveki ezigqitileyo, izinyaswe ngabafazi bake ababini, nodade wabo, namapakati atile. Ubetsho ngezobunewunewu bobukosi bake.

ICAWA engapaya ibiyi Anivesile yesikula se Cawnpore, yegqibelelwa Rev. M. Kinyane e Ahvaka, zizwawakaliswa ngolwesi-Tatu, ngokubizwa ngolwesi-Tatu olungapaya.

Olwesi-Ne (15 May) lwegqitileyo lube lusuku olubalulekileyo kumzi wase Ngqushwa. Nakuba seyiwelile esandleni iminyaka semayo isikula se Ntombi Zaba tnyama e Durban, akuzanga kubeko mini yalatelwe ukuzukiswa komhla nomnye ngokupatelele ekusekweni kwaso. Yinto engeyiyo yakuncumileyo leyo; kuba, ungumzi omdala odumileyo nje Ingqushwa, umangaliso kukuba awunamaziko azinto zibalulekileyo zibhekisele ekukanyeni. Ibakala lokumiswa kwe Seminari ye Ntombi ibise yinto yokuqala elingwayo efun' ukuti ipumelele kwinto ezihleli zibonwa. Kanti-ke noko ekusekweni kwaso bekungazanga kubeko ntlanganiso kunokutiwa isisahlulahlobo kwixesha lokozela nokungenzi nto, nexesha lokwenza imigudu ete phuthu ngento zokukanya kwasefundweni.

## IMVO ZABANTSUNDU NGOLWESI-NE, MAY 22, 1890.

### ABANTSUNDU NE BHULA.

EKOKUBENI izimvo zomzi wa Mangesi nowa Mabhulu ngomteto we Bhula zisaziwa, akwanele ukwaziwa kweza Bantsundu. Umzi wase Mangesini ukolwa kunene ngu Mteto we Bhula, kangangokuba o Mabhulu uwuchase bukali. Asikade sizive kakuhle izizatu ochaswa ngazo nga Mabhulu. Ukupeliswa kokwekwe akunto intsha ; iwumisile umteto i Palamente e Australia ukuba ibhula ipeliswe, yapela, lenyuka nexabiso loboya e England. Nakweli, kwindawo esesinawo lomteto amaxabiso afunyanwa ngoboya afun'ukuti aginyise amate, nakwakubeni kungekudala uko umteto lo, waye kunjalo nje ungalambatanga lonke. Njengokuba zimi ngoluhlobo nje inyaniso, inchaso ya Mabhulu yalo mteto iyezalwa yintshikivane, gqibi ke. Ngokupatelele kumawetu, amanqaku awandulelayo makabe anele ukwalata ukuba ukulunga komteto woluhlobo kuyaqondwa. Siyazi mhlope ukuba kwintlanganiso eke zibeko zamawetu — njengebisand' ukubako e Cala — akuswelekile ukubako kweqela elikulu eliti limelane nawo umteto we Bhula; nakwezinye indawo maninzi amashwa apalazwe ngumzi pezu komteto lo, nabahambisi bawo. Ukuba njalo kubangwa yinto. Njengeminye

INTSHAYELELO KA REV. E. GEDYE.

Intontelene impi kwicala alunge kulo amatye azokubekwa, u Rev. E. Gedye, Ingelosi ye Bandla, uwutume umhlambi kwiculo 26, ate lakukov' ukuvunywa wacela u Rev. Boyce Mama ukuba atandaze. Ihambiseke kakuhle into yonke yalemini ngokuti imini ibe yezolileyo emnandi. U Mr. Gedye uvakalise into ekungayo, elanda ibali lemfundo, aqale ngokuti izikolo zokuqala kwelo zezazifundisa Isixhosa sodwa, ititshala zazo sezihluzekile, o William Mageda abaseko, a Joseph Mphahla omnye wazo selalupele noko asekoyo. Babehaulwa ngamabandla apesheya. Kulandele amadodana avele kwindawo ezinjengozi Healdtown noma Lovedale ongezelela nge Singesi, wangena u Rulumeni noncedo. Ibakala lesitatu ibe lele Siminari ukunika imfundo efun' ukuti-tyi kweyezo zikolo zangapandle. Esike sesinye sazo— ukufundisa intombi, ngapezu kwencwadi, ukulungisa indlu, nokulungiselela intlalo entle, nokudla okuhle. Ixesha eli besingena kula tyalike indala ka Ayliff isikula. U Rulumeni ute akanaku ncedisa zingeko izakiwo ezifanelekileyo zokufundisela. Kukulhangabeza eso siroro ke kusakiwa lendlu nje. Uvakalise ukuba kugqitywe ukuba amatye abe mabini esikhumbuzo. Elokuqala liya kubekwa ngu Hon. W. Ayl ff, ongunyana womfundisi owaseka lowomzi wesikolo ukufiki kwake nabantu base Ntla apo Engqushwa. Kubonakele ukuba kungafaneleka owelo gama emi kulondawo. Elinye kucelwe yikomiti yamawabo ukuba libekwe ngu Mr. Jubavu, indodana ebalulekileyo entweni zemfundo kwabantsundu, kubonakele kuyakuba yinto efanelekileyo eceliwe ukuba amele ihlelo labantsundu kulowo msebenzi, kuba Isikolo esi sise sabamnyama. Boti ke bakukov, ukubeka ilitye babe namazwi okubhekisa mhlaimbi. Kukwako no Mongameli wesiqingata, u Rev. T. Chubb, oze kuwuzimasa umsebenzi. Naye uyakuba nento angayitetyayo ukukhutaza. Ungene ekuvakaliseni imigudu eseyenziwe ukubuta imali, kuba indlu leyo iya kufuna £400. Into ahambe ezicela zifike kwi £47, waye eya kulifeza ikulu ngandlela. Ikonferensi iyi yobaxhasa nge £100 Umzi wase Ngqushwa wona ke uya kujongana ne £200 Awucela izandla ukuba uqale kwangalomini. Ulese incwadi yovelwano nomsebenzi yo Mantyi wase Ngqushwa (Mr. W. R Piers) ete ayabiko ngenx' enokungapili. Utsho u Mr. Gedye wawutuma kwaseculweni.

U HON. W. AYLIFF utabate i *travel* nesando somti walibeta. Ekwele esisekweni utete nge Sixhosa amazwi okungqina ukuba noko angabaziyo bangabahlobo. Ulazi Ingqushwa elo libe lingekabi nazo ezi zindlu, zise zezencha. Imfengu yokuqala eyabhaptizeshwayo uyayazi; kanti akuko bani ungati le yeyokugqibela eya kubhaptizeshwa, into ebonisa ukuba intlalo yobuhedeni asiyyo emiyo. Amamfengu ngokukodwa awanasabelo kuyo. Lento yobuhedeni isaya kutshabalala, ati ke, Pumani kulento yobuhedeni iyapela. Pambili emfundweni nase ntweni zentalo. Imfundo akuko ungati uyayitile. Izikolo ziziqalo kodwa; yona imfundo immele wonke naxa apumileyo esikolweni. Uqoshelise ngelokubulela ukuba eko kulowo msebenzi.

Kulandele kwa iculo kwabekwa

## Imini Engqushwa.

ISAHLULA-HLOBO ENGQUSHWA.

ngu Mr. J. Tengo-Jabavu olulungise udaka kwange *travel* wabhekisa emhlambini ukuba “Ngo angazelelo olushushu ukuba esisakiwo sifezeke, zokuqetywe kakuhle umsebenzi esakelwa wona, uyahlokomisa ukuba elilitye libekwe kakuhle nangenyano.” Ekwele kwase sisekweni ute ngamadididi esifubeni kuba namhla enje ngengqeqe kuzingelwa edotyeni. Uhamba kwindawo angezanga acinge ukuhamba kuzo—ukubeka ilitye le mlabomo. Kodwa utuluzelwa luvu lokuba elapo-nje akanguye umhanahanisi, ungummeli oshushu wemfundiso nengqeqesho yentombi. Ude ngamanye amaxesha ati, ngokuqonda ixabiso lemfundo yentombi, kwaoposiwa mhla kwaqalwa ngokulungiselela eyomiselwa. Umzi uba nesitozela ngentombi, kanjako ungaba nesimilo esihle umzi sukuba intombi zawo zinesimilo; kwangokunjalo ngenkohlakalo. Ubeqonda oko bebesengamasoka ukuwubuka kwabo umzi onentombi ezikumbulelekileyo. Ibhifanelana iyindlu ekangeleka pantsi kwendlu yenkuku oko inelapo elikanyayo lentombi londawo seyingumhlaba ozukileyo, bona madodana sebenobubele nangakubazali abo bezontombi, oti ke lowomzi ude uve ukuba uyasilaula nesimilo esi sako; abanye bebezama izimilo, xa bebengenazo, ngokubanjwa ngumzi onentombi. Kanti ke lempembelelo yentombi ayipeleli kweloxesha lobusoka nobuntombi. Ezindlwini bayasilaula abafazi; ufanelana ubuke waggqoshonqa entweni ayititileyo, ubuye ubonakale sewuvela mayelana nayo—ukuzi tengela intlalo n'tle. Abantu abanesitunzi esikulu kangako ke pezu kwentlalo yomzi kufuneka beqeqeshelwe ezintweni ezilungileyo. Avuya kunene ke ukuba abe umi namhla pakati kobukumnyama base Ngqushwa. [Yanga manguungum pakati kwentlanganiso] —kuba kusitiwa yi Ngqushwa emnyama.

Amazwi: Hai! hai, amanye No, no ! U MR. TENGO-JABAVU: Kona ukumisa isikolo eso kwalata ukuba kuko ubumnyama obukuyo ekufuneka bugxotiwe. Waka wati Ongcwele abapilileyo abafuni gqira, ngabafayo abalifunayo. Uyavuya ke ukuma pakati kobobumnyama ancedise ngendlela enjengale, atandazayo ukuba abayakufundiswa apa baze bamkele eyona mfundo iyakubangela ukuba ubom babo bupela bube lilinga elinye lokwenza mkulu Umdlali wabo, nokonwabisa umelwane noluntu, ekwatiwa Ngowamanyange “pezu kwezonto zombini, kwomakeke umteto nabaprofite.” Eyigqibele lenteto, abate xa iwayo baman' ukucujulwa yintsini, kuhle kwahamba iculo.

U REV. THEO. CHUBB, B A. wenze ambalwa esiti uzele ukuzakubonisa ukuelvana kwake no Mr. no Mrs. Gedye kwaneemfnndo Utlosilise emalini kunene Umnikelo pezu kwamatye ngalomini ube £16. Ngokuhlwa kwintlanganiso ebeko into yonke yalomini ifikelele kwi £40 Umangalisi kukuba umzi wawungeko kwaye kukolise ngentsapo. Sisiva ulila ngokuqutyulwa. Nantsu into yenu mzindini ose Peddie Noza niti naka nenza ntonina kwezinkulu zokukanya oku, oko kakade nidunyelwe

### EZABA BHALELI.

NGOKUHLAMBULUKA.

Amanenekazi sekula bini ewaxaka amanene, ewafundisa immbeko nohlobo lokuwa tenda entlanganisweni ye “Lawu.” Amanene endaweni yokubulisa amanenekazi ngenfundiso entle asuke awagxawaxusha, alinga ukubonisa ukuba amanenekazi ayaposisa. Inteto zawo (amanene) zibonise ukuba noko chhala elila ngobunene ne class. akakazazi imfaneko zawo kumanenekazi: kumhlope ngoko ukuba ubunene busemgama kuno. Zi manners ezenza umntu abelinenene, engenazo akalilo nakanye.

Ndiyakutata indawo zibembalwa ekwakubanjwene ngazo.

Pakati kwezimbo ezininzi zokubulisa amanenekazi, amanene antsendu wona akete esokubulalisa ngegifu lomsi. Ati amanenekazi ingaba yinto entle, ebukekayo, nesingisa kwixesha elipakamileyo ukuba amanene keshikweni ebulisa amanenekazi azincotule emlonjeni ???, izagara, nokuba zisigarete ukuba ebqumisa; aze abulise ngesimilo nembeko. Amanene ati wona lento inqawa sishimbo angenako umntu ukuyincotula emlonjeni ngenxa yenkazana, njalo-njalo.

Yinto eqelekileyo kumanene ukuti akudibana nenekazi esitarateni alimise. Ati amanekazi, kungalunga ngapezulu ukuba liti inene xana lidibene nenekazi esitarateni laye linento yokuteta, lonto maliyikete behamba. Kunokulimisa esatarateni. Ati amanene, bunene ukulimisa inenekazi nokuba kupina uyitete into oyitetyayo ukuze ke nahlukane nakugqiba.

Xeshikweni kuko i-concert, entertainment nokuba yi tea-meeting—yinto ayipapele kunene amanene ukugodusa amanenekazi; kanti anyabe ngokulusizi ukuwangenisa. Ayacelwa amanene ukuba agoduke njengokuza kwawo. Ati amanene, kulungile ukusinga amanenekazi aze wolwa, awagoduse nokuba kunjania.

Intombi ayifanelwa yityali xana igibiselevo, koko iyayigxeka, isuke ngati ngumfazi. Ati amanene ityali imenza nzima kanye umntu oyintombi, nengoko akufanelekile tikucula.

Akuko nto igxeka, nehlaza intombi zesixeko ngangokuba amanenekazi ngene epuma emagumbini amadodana. Ngabafana abafanele ukutyelelela amanenekazi koma klawo ukuze andliliseke. Ati amanene kulungile ukuba inenekazi lilityelelele inene ukuba liya likumbula, lizalise ubulele.

Lomdlalo i Tennis awukwafaneli amanenekazi antsendu ngenxa yekwele, kananjalo apulukwa yimisebenzi ngenxa yayo. Ati amanene ngabe lungu abenjenjalo ukuteta, lamanekazi ateta lento akavazi into ayitetavo, makabe kananjalo akavidlali i Tennis.

Akuko nto imenza igxabuza umfana ngangokumbona ete tole ngeze bhola izivato etyalikeni—litifa lebhola indawo ye uniforms. Ati amanene nokuba umntu unxibe ngubo nina kulungile, akuko ngubo zetyalike.

Ukuba abadlali bebhola bafuna ukuba amanekazi aye kukwubonela umdlalo wabo makabekze izitulo etafeni lebhola. Ati amanene akanako wona ukutwala izitulo. Lenteto ayisizo nesiqingata senteto zamauene, ngazinye azigxotisela elwandle izincoko zamanezekazi. Mna amanekazi ndiyaveza kakuhle ndaye ndivalandela ngezindawo zonke, kuba zizalatiso zokupucuka, oko kutiwa masizukamele. Elokugqiba, ndake ndeva indoda endala enamava isiti, “Kukaninzi iba lusizi ngenxa yokuvala kwayo umlomo, kodwa ayizange nexa elinye ibe lusizi ngokugcina ulwimi lwayo.” Kulunge kanye ukuhlala uti tu kunokuteta into engeyiyo, wonakalise into entle uyambatise amayakayaka. Teta ngemfanelo nentelekelelo, okanye uhlahle uti tu ngobulumko. Ndim,

XAKALASHE

NGAMACULO ANGATETIYO.

NKOSI YAM MHLELI, — Kaundifakele lamazwi, ndicinga ukuba ngawokugqibela kulengxoxo yamaculo angatetyiyo. Ndinosisi noko kuba besendzimisisele ukuyieka lengxoxo, kodwa ke inteto ka Rev. B. S. Dlepu umhlobo wam wenene indenze ukuba ke ndenze awokugqibela. U Mr. Dlepu uti, akamntu ubhalayo emapepni, ndiyakolwa nam unyanisile, lonto iboniswa yindlela ayiquba ngayo lengxoxo. Into yokuqala ufiqe umfo ka bawo wema ngapaya kwe remente (oko kukuti kwebandla) wangu mntu yena otetelela ibandla elibulawa ndim, kuba nenteto yam uyitate wayitiqu pezu kwalo, lali neculo laliculo lalo, nam ndihlutyenwe kwali bandla. Ukuzipendulela nditi, andizange ndiyive into enjalo ndingazange ndiyicinge nokuyicinga okubka ke kubeko iculo le remente etile yodwa, yinto yokuqala le kule remente yase Bhai, ke ngoko kufanelekile ukuba ndiyivele uxolo, ngomlomo wayo umfundisi wase Bhai, ndiyivele okunene ngokungazi ukuba seyinamaculo ayo awahlukileyo, bayazi nabo ukuba ngokungazi ungambulala nonyana wako, noyhlo ngamencakalisa ngokungazi. mna bendiba lelamaculo matsha ase Wesile. Ke noko ndicela uxolo nje lonto ayindibangeli ukuba amazwi omfundisi wase Bhai ndingawapenduli kuba kuko amazwi abwahbekise esiqwini sam, ngoko ke ndinyanzelekile nam ukuzihlambulula pambi komntu. Mr. Editor, selete umfundisi obekelileyo asimntu ubhalayo emapepni, kufuneka okunene ndimbonise indawana ezitile angaziqondiyo. I. Uti, “bubulungisana Maneli ukuti xa ubhala ngento eyenziwe ngomnye umntu ukte londawo ite ayakukola.” Manditi ewe bubo, asiyyi inkohlakalo. Xa umntu enzaeke emnweni kubotshwa umnwe lowo wenzakeleyo wodwa akubotshwa yolishumi kude kuyive nase zinzwaneni, xa inqwelo yapuke ivili kusiva ivili leyo yodwa yapukileyo, akaze atsho umkandi ukuti sipina isiqu senqwelo, usuke akande ivili leyo yapukileyo Kwi “ Libel Case ” ityala lamaxa’ mmye umntu onakalise ngokuteta wangoku bhala emapepni isimilo somnye akufuze kuti xa kubhalwa i Samani (Summons) kufakwe yonke iteta yalomntu kutywa kaniselwe nezaziso zabafuleyo nezamafandesi kwenzize umvubo nomqa, kusuke kunyulwe lomazwana kupela agxeka isimilo salomntu, ndenjenjalo ke nam ndiketse amazwi awonakalise isimilo selo culo . Kupela, kwenjwanjalo ukubhalwa emapepepe. H. Uti umhlobo wam obekelileyo, “isicaka Senkosi u Maneli wase Kaladokwe, masibe sibhale ngale ndawo imicamango yaso ipitizela.” lonto

ke iteta ukuti ndabhala intloko yam] inozezo mhlambuni ndixilile okanye ndinomsindo. Mandishiyele abafundi bam ukuba bazigwebele ngokwabo, ukuba ndandikusipina isimo, kodwa ndibazise ukuba andizange ndiranelwe nangenye yezizinto.

III. "Ndoya kucel' uxolo kubaw' ezulwini." Lendawo umhlobo wam ngokwake uyixhasa ngendawo ezimbini ezi Bhalwani, ndingati ezondawo zombini zizimayile ezintlanu ukuba kude kwinto echaswe ndim kwelo culo, zikwa zimayile ezintlanu ukuba kude ekumxhaseni umzalwana, mna andichase buko buka Tixo ezulwini, ndichase ukuyakucela uxolo ezulwini. "Ndoya," ngoko makavelise indawo exhasa undoya lo, Inkosi ayitshongo kulo mtandazo ukuti nyakuya ezulwini nize niti nakufika Bawo wetu osezulwini njalo-njalo, yati botandaza belapa emhlabeni. Kwincwadi ati ukuyibiza umhlobo 2. Kronike, endikolwa ukuba uteta Izikronike, manditatele kwawokugqibela amazwi evesi ya 29 ndiyekuma kwi vesi ya 30, noko ndingayi kwubhala onke amazwi. "Bazolula izandlala zabo kulendawo Wandule wena uve usezulwini." Tu ngo Ndoya. Zombini ezindawo azimxhasi nangento umhlobo, ndingati kanye zixhasa kwamna, kuba zingumtandazo otandawo emhlabeni utandazelwa ukuxolelwa kwezono, ingekulo okwentsizi ipina ke indawo exhasa u-Ndoya kucela uxolo. IV. Umzalwana u Mr. Dlepu ufike wavelisa lencwadi 2. Kronike, vi. endite ndakufunda ndeva sekusiti manditi, Ungumfundisi omdala kangaka wakwa Sirayeli incwadi ze Bible akuzazina kanti. Akuko nevadi ibizwa ngokuba yeye Kronike, kuyo yonke i Bible, kwinguqulo zombini, oludala olubizwa ngokuba loluka Appleyard nolutsha ziti Zizikronike, i Kronike yi singular noun Izikronike yi plural, Isingsi sithi Chronicles, nesi Bhulu sithi Kronijken. Zivaflana ke zonke kulendawo. Isiposo ikwayile grammar ati mayikutyulwe ndim, kwanamagqwidi-gwidi okunga zigcini kakuhle entloko incwadi zezi Bhalo. V. "Kwimigca embiubi ka Maneli" (kwak' wafa u Maneli!) "Ishona ukuti ngu Ntsizi oyakuya ezulwini? Asingumntu obika izinto ezukuye, kwanento ayakuyenza? Uyakubika zinto zinikanene." Umhlobo warn unentloni ukuxizela izinto ayakuzibeka nokuzenza lomntu kuba ukuba zizono uyakuba ngu Moni, iziti ukuba zintzisi abengu Ntsizi. Kum akukataleki nokuba ngubanina, nditi akasoze aye ezulwini, ayikavulwa ingasoze ivulwe indlela ka Moni nokuba ngu Ntsizi yokuya ezulwini. VI. Indawo yokuba andifundanga ngoko mandibuyele kwi Grammar School, andiyikanyeli, kuba kaloku nesilumko sibonwa ngabantu, asihambi sivutela ixilongo sisithi ndazini ndilumkile ezitatweni zemizi, ndiyabagqita onantsi. abantu bangati yi fool umntu onjalo Kamjalo nesidenge asinxibi dyasi inkulu. ebomisa ubudenge, siviwa ngok uteka nangokuzincoma, kuba kaloku inqwelo eze iviwa ngengxolo.

"Akuko nzwana ingenasipako. " Akuko lumko lizitok' emhlanga. " Ndxixolele Nkosi yam. Ndisisicaka sako futi.

SAMUEL NTSIKO.

kupela ngenye indlela. Owelipezulu umzi ushiywa nganina nowakwa Gcaleka ne Ngqushwa nezinye idolopu ezinkulu. Makutinyelwe amapetswana kwizibonda njengoko umzi umirwe nge Felkomet zitumele abantuywa beze apo e Qonce. Yoti ke lento cingwe bebani abantu bangabisavelela ke abaka benza ubudidi nobuduyongosi kwinto zase mbusweni. Ewe intlanganiso yomzi ilunge yada yagqibela yona, kodwa mayisekelwe elulwafweni. Ndim,

UMBONELI.

## ABALIMI NA BARWEBI.

E QONCE (May 17.)

Amanani empahla ehambayo ngawo la— Inkabi zesilara ziqale kwi £6 10/ zayakuma nge £9 17/—Imazi ezityebileyo £4 to £5 15/—Ibamide ezichetyiweyo 14/ to 16/—Amatokazana egusha atyebileyo 5/6 to 7/6— Inkabi ezibotshwayo £5 to £7—Amatodlana £2 10/ to £5 10/—Amahashe £5 to £10— Imazi zenkomo ezinamatole £5 to £6 10/.

Amaqanda—1/1 to 1/6 ngedazini Irasi eluhlaza,—1/11 to 2/11 ngekulu Ibabile—4/ to 7/3 ngekulu Itapile—8/9 to 13/ ngenxhova Umbona—5/5 to 6/3 ngekulu Amazimba—2/9 to 3/ ngekulu Irasi—4/ ngekulu Ibabile (imbewu)—13/ to 13/3 ngekulu Inkuku—1/2 to 1/6 inye Isemile—4/ ngenxhova Amatanga—1/9 to 3/3 ngedazini Umgubo—18/ ngekulu Imbotyi—5/ to 7/6 ngekulu Inkuni—8/ to 47/ ngeflara

E RINI (May 17.)

Inkuni—10/ to 41/ ngeflara Amaqanda—1/3 to 2/2 ngedazini Inkuku—1/4 inye Ibabile—4/6 to 6/ ngekula Amazimba—14/ ngenxhova Umbona—15/ ngenxhova Isemile—5/ ngenxhova Inqholowa—12/10 ngekulu Irasi eluhlaza—1/6 to 2/ ngedazini Irasi—12/ to 14/ ngenxhova Ibabile (imbewu)—23/ ngenxhova

"IMVO" ILILINGELO AYILILO KUSININA? —Nge 12 May, yayidibene intlanganiso ye *Debate* e Komani. Woyiswa u Mr. Kota ngu Mr. Nukuna engxoxweni yabo nge *Mvo*. —Utini ke u Badlwana?

# Native Opinion

THURSDAY, MAY 22, 1890.

SOME time has elapsed since a hint

